

# INDLELA YOKUFUMANA UQINISEKISO

## UKUZE WENZE ISICELO SEMBUYEKEZO

### YETHAYISISI OKANYE YE-TB

Ukuba unethayisisi (silicosis) okanye i-TB, futhi usebenza okanye wawukade usebenza emgodini, ungaselungeleweni lokufaka isicelo sembuyekezo. Olu xwebhu lucacisa oko kufuneka ukwenze ukuze ufumanise ukuba ngaba unayo na ithayisisi okanye i-TB, nendlela yokufaka isicelo sembuyekezo xa uth e waba selungelweni lokuyifumana.



**Ungasifaka isicelo sembuyekezo xa uth e waba nesiqinisekiso sokuba unesifo semiphunga esibangwe ngumsebenzi wakho.**

Kolu xwebhu sichaza la manyathelo alandelayo:



**Lumka. Akukho mntu ufanele ukukuhlululisa ngeefomu okanye ngoncedo lwakhe. Funda ezinye iinkcukacha ngalo mba kwiphepha 6**

# INYATHELO 1

Fumanisa ukuba ngaba sikhona na isifo semiphunga esibangwe ngumsebenzi wakho

Into yokuqala ekufuneka yenziwe, xa ukrokrela ukuba wena okanye omnye umntu omaziyo unesifo semiphunga futhi usebenza okanye wayesebenza emgodini, kukufumana uxilongo lwabezonyango.

Olu luxilongo olulodwa olubizwa ngokuba "Luxilongo lweMbuyekezo ngeMpilo" (Benefit Medical Examination (BME), olufanele ukwenziwa kwenye yezi ndawo zilandelayo:

Isibhedlele okanye iklinihi yalapho beusebenza khona

Iziko lezifo ezibangwe yimisebenzi eliyiMedical Bureau for Occupational Diseases (MBOD)

Amaziko eenkonzo ezahlukeneyo ezifumaneka endaweni enye (One-stop services centres)



Izibedlele zikarhulumente noogqirha abaneekhonthrakthi nemigodi



Xa usiya kuxilongo lwe-BME, qinisekisa ukuba uyiphethe ikopi ye-ID yakho kunye naziphi na ezinye iimpepha ezineenkukacha ngerekhodi lomsebenzi lakho (imbali yomsebenzi). Kananjalo khumbula ukuba wonke umsebenzi wasemgodini naye wonke umntu owayekade esebenza emgodini, uselungelweni loxilongo lwe-MBE, emva kweminyaka emibini phandle ko ku hlaula nto (xa usiya kumaziko eenkonzo, ezibhedlele okanye oogqirha).

Kufuneka ukuba uqinisekise ukuba uyaziphatha ezi mpepha xa usiya kuxilongo:

- Ikopi ye-ID yakho
- Irekhodi lenkonzo yakho
- Irekhodi lenkonzo yakho lingaba yiyo nayiphi na kwezi zinto (kufuneka ibe nye nje):
  - Irekhodi lenkonzo yakwaTEBA, eligximfizwe lityikitywa ligosa lakwaTEBA – leofisi kaTEBA wendawo uhlala kuyo; okanye
  - Isiqinisekiso seNkonzo esigximfizwe sasayinwa ngumqeshi; okanye
  - Iimpepha ezisesikweni ezivela kumqeshi ezineenkukacha ngomsebenzi wakho – ubungakanani bexesha lokusebenza, umhla wokuqala nowokuyeka naso nasiphi na isikhundla obukuso ngelo xesha.
- Nawaphi na amarekhodi ngempilo – ikhadi lasekliniki, iifoto zasegesini ze x-ray owakhe wazenziwa, okanye naziphi na incwadi ezivela esibhedlele ukuba ngaba wawukhe wagula okanye wenzakala.



**INYATHELO 2 LICACISWA KWIPHEPHA ELILANDELAYO**

# INYATHELO 2

Ngenisa zonke iimpepha zoqinisekiso

Lwakugqitywa ukwenziwa uxilongo lwe-BME, aba bantu bebelwenza baya kuthi bathumele ezi nkukacha nezi mpepha zilandelayo kwikomiti yoqinisekiso:

Isicelo se-BME esizaliswe ngokupheleleyo*	Ikopi ye-ID	Imbali yomsebenzi	Imbali yempilo
lifoto zasegesini (X-ray) zesifuba	Uhlolo lokusebenza kwemiphunga	Iziphumo zohlolo lwesikhohlela**	Ingxelo yohlolo lwezicwibi zenyama okanye lwemayikroskopu***

\* kuza kuzaliswa ngumsebenzi wasesibhedlela/ugqirha xa uye kuhlolo

\*\* ukuba ngaba bakrokrela ukuba ikhona ne-TB

\*\*\* ukuba kukrokrelwa umhlaza wemiphunga

Ikomiti yoqinisekiso inamalungu angooqirha abamkelwe nguMphathiswa wezeMpilo, kwaye baqwalasela zonke iinkukacha khona ukuze bathathe isigqibo esisekelwe kulwazi olupheleleyo malunga nokuba ngaba umntu lowo unaso na okanye akanaso na isifo semiphunga esibangwe ngumsebenzi wakhe afanele ukufumana imbuyekezo ngaso.

Isakuba ikomiti le ithe yasiqwalasela isicelo sakho kunye neziphumo zoxilongo lwakho, iya kuthi izibuyisele esibhedlele okanye kugqirha obekuxilonga ezo ziphumo. Ugqirha ke uya kuthi akucele ukuba ubuyele esibhedlele khona ukuze kubekho umntu wokukucacisela ngesigqibo sekomiti.



Ukuba ke uthe wenzelwa isiqinisekiso sokuba unethayisisi yeSigaba 1 okanye yeSigaba 2, ungaqalisa ke ngokufaka isicelo sembuyekezo. Ugqirha okanye abongikazi bangakuncedisa ekwenzeni loo nto. Zama ukufumana ezinye iinkukacha ezithe kratya ezimalunga nenkqubo yokufaka isicelo sembuyekezo kule webhusayithi: [www.oldcollab.co.za/how-to-claim](http://www.oldcollab.co.za/how-to-claim) okanye utsalele i-MBOD umxeba kwa-011 403 6322.



AMANYATHELO 3 NO-4 ACACISWA KWIPHEPHA ELILANDELAYO



## Usakuba unikwe isiqinisekiso sokuba uselungelweni lokufaka isicelo,

nantsi inkqubo ofanele ukuyilandela xa usenza isicelo sembuyekezo:

### INYATHELO 3

Ukuba uzenzela ngokwakho isicelo sembuyekezo



- Fumana zonke iifomu eziza kuba yimfuneko – ungazifumana nge-intanethi kwa-[www.oldcollab.co.za/how-to-claim-okanye](http://www.oldcollab.co.za/how-to-claim-okanye) kwa-HR/iklinikhi ephaya emgodini, okanye, kwi-MBOD, kwaTEBA, okanye kumaziko eenkonzo ezahlukeneyo ezifumaneka endaweni enye.
- Qinisekisa ukuba uthathe ifomu GW24/80 echanekileyo – kukho eyethayisisi kubekho neye-TB.
- Zalisa zonke iinkcukacha kwifomu GW24/80 nakwiGW24/17 (kodwa ungazisayini). Zithathe ke, kunye ne-ID yakho nekopi ye-ID yakho uye nazo kwisikhululo samapolisa esikufutshane kuwe. Amapolisa kufuneka agximize isitampu sawo aqinisekise ikopi ye-ID yakho nomsayino wakho kwifomu GW24/80. Kufuneka afake isigximfiso somnwe wakho kwifomu GW24/17 agximize isitampu asayine futhi.
- Yiya ke ebhankini nefomu V47 ezalisweyo, ucele ukuba igximizwe isitampu isayinwe yibhanki. Kananjalo cela isiteyitimenti seakhawunti yakho esisayinwe sagximizwa yibhanki. Qhoboshelo eso siteyitimenti kwifomu V47.
- Fumana iRekhodi leNkonzo lakho nePeyi-siliphu yakho.
  - Irekhodi leNkonzo lingayiyo nayiphi na kwezi zinto (kufuneka ibe nye nje kuphela) -
    - *Irekhodi lenkonzo lakwaTEBA, eligximizwe lityikitywa ligosa lakwaTEBA – leofisi kaTEBA wendawo uhlala kuyo; okanye*
    - *Isiqinisekiso seNkonzo esigximizwe sasayinwa ngumqeshi; okanye*
    - *limpepha ezisesikweni ezivela kumqeshi ezineenkukacha zomsebenzi wakho - ubungakanani bexesha olisebenzile, umhla wokugala nowokuyeka naso nasiphi na isikhundla obukuso ngelo xesha*
  - Ipeyi-siliphu
    - *Ukuba unesiqinisekiso sokuba ne-TB, umgodi kufuneka ubale ilahleko yakho yentlawulo yeenyanga ezintandathu (6) emva kokuba uqinisekise ukuba une-TB, kwiphepha 2 lefomu TB GW24/80.*
- Usakuba unazo zonke ezi nkcukacha ungasingenisa isicelo.

### INYATHELO 4


Apho singeniswa khona isicelo

Sithumele ngeposi ku:  
PO Box 4584,  
Johannesburg, 2000

Sithumele ngefekisi ku:  
011 403 1346

Ungaya kusishiya  
kwa-144 De Korte Street,  
Braamfontein, 2000



 **IMBUYEKEZO YOMSEBENZI  
WASEMGODINI OSELESWELEKILE  
ICACISWA KWIPHEPHA ELILANDELAYO**

# KUMNTU OWASWELEKA?

Imbuyekezo ngezifo zemiphunga kubasebenzi basemigodini abaswelekayo



Kudingeka ukuba ube nezi nkukacha xa ufuna ukwazi ngendlela yokwenza isicelo sembuyekezo ngomsebenzi wasemgodini owaswelekayo (engazange wafaka sicelo ngokuya ebesaphila).



## XA UFUNA EZINYE IINKCUKACHA

EZITHE KRATYA UNGATSALELA UMXEBA KU:

iPathology	<b>011 712 6519</b>
Division of the NIOH	<b>011 712 6444</b>
i-MBOD	<b>011 403 6322</b>

### INKQUBO YOTYANDO NOHLOLO LWESIDUMBU

Phambi kokuba siqwalaselwe nasiphi na isicelo sembuyekezo, imiphunga yomntu oswelekileyo kufuneka ithathwe kutyando lwesidumbu ithunyelwe eRhawutini iye kuhlolwa.

Oku kufuneka kwenzekwe ngokukhawuleza emva kokusweleka komntu. Imiphunga ingathathwa kuphela xa kuthe kwafunyanwa imvume e bhaliweyo yosapho lwalowo uswelekileyo - futhi uhlolo phaya eRhawutini alusayi kwenziwa ukuba ifomu yemvume ayizaliswanga.

Imiphunga kufuneka ithathwe kwaphambi kokuba kungcwatywe – cela isibhedlele, ugqirha, i-iklinikhi okanye umngcwabi akuncedise ekuququzeleleni le nto. Le miphunga iya kuthi igcinwe kwisikhongongezelo esisodwa.

Ezi mpepha zilandelayo mazithunyelwe nale miphunga xa isiya eRhawutini -

- Ifomu yemvume
- Ikopi ye-ID yalo mntu uswelekileyo
- Irekhodi leNkonzo lalo mntu uswelekileyo, elinokuthi libe yenye yezi zinto (kufuneka ibe nye nje kuphela) -
  - Irekhodi lenkonzo lakwaTEBA, eligximfiziweyo lasayinwa ligosa lakwaTEBA – kwiofisi kaTEBA yomntu owasweleka; okanye
  - Isiqinisekiso seNkonzo esigximfize sasayinwa ngumqeshi; okanye
  - Iimpepha ezisesikweni ezivela kumqeshi zineenkukacha zomsebenzi womntu owasweleka - ubungakanani bexesha, umhla wokuqala nowokuyeka naso nasiphi na isikhundla umntu owaswelaka awayekuso ngelo xesha.
- Nawaphi na amarekhodi ngempilo – ikhadi laseklinikhi, iifoto zasegesini owakhe lomntu oswelekileyo wazenziwa (x-rays), okanye naziphi na incwadi ezivela esibhedlele ukuba ngaba wakhe wagula okanye wenzakala lo mntu uswelekileyo.

Apho ingayi kuthathwa khona imiphunga kuphela kuxa umfi lowo wayesele eqinisekisiwe ukuba unaso isifo semiphunga esibangwe ngumsebenzi wakhe kwaphambi kokuba asweleke. KUFUNeka ube naso isiqinisekiso esingqina oko, okanye kungenjalo isicelo eso asisayi kuqwalaselwa.


### YINTONI ELANDELAYO EZA KWENZEKA?

Ukufika kwayo le miphunga nezi mpepha eRhawutini, imiphunga iza kuhlolwa ngoogqirha phaya kwa-National Institute for Occupational Health (NIOH) bakhangele ukuba zikhona na iimpawu zesifo semiphunga esibangwe ngumsebenzi. Oogqirha baya kuthi ke babhalele ikomiti yoqinisekiso ye-MBOD ingxelo.

Ikomiti ke yona iza kuthi iyiqwalasele le ngxelo kunye nazo zonke iimpepha, ize ke ithathe isigqibo malunga nokuba ngaba umfi wayenaso na isifo semiphunga esibangwe ngumsebenzi wakhe, nokuba ngaba wayeya kuba selungelweni na lokufumana imbuyekezo. Ukuba wayeselungelweni, baya kukhupha isiqinisekiso basithumele kwi-MBOD/CCOD siye kuqwalaselwa, futhi baya kukwazisa ngeziphumo.

Ukuba ngaba umfi wayeselungelweni lokufumana imbuyekezo, kuya kufuneka uthumele ezi nkukacha kwi-MBOD khona ukuze baqwalasele imbuyekezo:

- Ikopi yesiqinisekiso sokusweleka esisesikweni
- Iletha yogunyaziso evela kwiNkundla kaMantyi eqinisekisa ukuba ngenene unguye umxhamli ofanelekileyo womfi.
- Ukuba wawutshatle nomfi, kufuneka nekopi yesiqinisekiso somtshato sakho.
- Umxhamli ngamnye kufuneka athathe ifomu V47 ezalisweyo yasayinwa, aye kuyigximfiza isayinwe yibhanki. Kananjalo makafumane isiteyitimenti seakhawunti esisayinwe sagximfiza yibhanki. Makaqoboshele esi siteyitimenti kwifomu V47.
- Zalisa zonke iinkukacha kwifomu GW24/80 nakwifomu GW24/17 (kodwa ungazisayini). Zithathe ke, kunye ne-ID yakho nekopi ye-ID yakho uye nazo kwisikhululo samapolisa esikufutshane kuwe. Amapolisa kufuneka agximfize isitampu sawo aqinisekise ikopi ye-ID yakho nomsayino wakho kwifomu GW24/80. Kufuneka afake isigximfiso somnwe wakho kwifomu GW24/17 agximfize isitampu asayine futhi.
- Singangeniswa ke ngoku isicelo.

 QWALASELA EZI ZILUMKISO ZICACISWE KWIPHEPHA ELILANDELAYO

# ISILUMKISO

Lumka. Akukho mntu ufanele ukukhulawulisa ngeefomu okanye ngoncedo lwakhe.



**1**

**Khumbula ukuba zonke ezi fomu ziyimfuneko azihlawulelwa – akukho mntu ufanele ukukhulawulisa ngazo.**

Ukuba akukwazi ukuzikhuphela kwiwebhusathi, ungaya kuthatha ikopi kwenye yezi ndawo:

- Kwa-HR okanye kwiklinikhi yasemgodini okanye;
- Kwi-MBOD eRhawutini okanye;
- Kumaziko apho kufamaneka iinkonzo ezahlukeneyo endaweni enye

**2**

**Kananjalo akufanelanga ukuba uhlawule ngoqinisekiso lveempepha zakho okanye ngokuthathwa kwesigximumfiso somnwe wakho ngamapolisa, okanye ngokugximumfizelwa isitampu kwiimpepha zakho yibhanki.**

**3**

**Akukho nto ufanele ukuyihlawulela xa usenza isicelo sembuyekezo.**

Futhi akufanelanga kuhlawula ngoxilongo olwenziwa kwisibhedlele okanye kwiklinikhi karhulumente, okanye nakugqirha ozimeleyo ukuba ngaba ngugqirha onesivumelwano norhulumente sokuba enze uxilongo olunye lwasimahla kumsebenzi wasemgodini ngamnye njalo emva kwesithuba seminyaka emibini, kuze ke kufuneke ukuba uzihlawulele ngokwakho kolunye uxilongo oluthe longezeleleka.

## UNGALUFUMANA PHI UNCEDO ?

**1**

**I-MBOD: 011 403 6322**

**2**

**U-HR okanye iklinikhi yomgodi wakho**

**3**

**Amaziko eenkonzo ezahlukeneyo endaweni enye:**

- eCarletonville
- eMthatha
- uKuruman